## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

   | | | |
   |---|---|---|
   | ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
   | ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
   | ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Bhala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO ngalinye.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA A

1.1 Fundisisa esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**UBOYA BEZILWANYANA ZASEKHAYA**

1 Uboya begusha nobebhokhwe budala imisebenzi. Bubo obenza imizi eliqela eMpuma Kapa ixhamle ngokufumana izithuba zemisebenzi. Obu boya bezi zilwanyana busetyenziswa yinkampani eseGcuwa egama layo liyi-Ivili Loboya. Le nkampani ibusebenzisa ukwenza iimpahla zokunxiba, izihlangu, izikhafu, iijezi, imiqhaphu yokufulela izindlu neengubo zokulala njalo njalo. I'solezwe lidlen'indlebe nomsunguli weIvili Loboya uGqr.Vuyokazi Mahlathi nosichazele banzi ngokwenziwa yile projekthi yakhe. Uyibalule nento ethi kuluvuyo kuye ukuba kweli phulo kuba kuncedakala uninzi lwabantu abangaphangeliyo.

2 "Ivili Loboya lushishino olujongene nokusebenza ngomcimbi woboya. **Si**thatha uboya ebhokhweni nasegusheni **si**buhlambe **si**bufake kumzi mveliso" ucacise ngelo uGqr. Mahlathi. Wongeze ngokuthi mininzi imisebenzi eyenziwa ngoboya bezilwanyana zasekhaya. "Siyabuthengisa kwiinkampani ezenza izihlangu, isoli yesihlangu (umphakathi lo umntu anyathela kuwo esihlangwini) kufulelwa ngabo izindlu kuba buyenza ifudumale indlu xa kubanda buze buyibandise xa kushushu". Obu boya ikwabubo obenza lo mphakathi uthambileyo kwiingubo zokulala ezibizwa njengeeduvethi, benza neejezi, iilokhwe kwaye kananjalo banithe. Buthengwa kumafama aseMpuma Kapa kwaye le meko isusa ikati eziko. Le nkampani yeIvili Loboya iyekile ukusebenzisa uboya bebhokhwe obubizwa iCashmere nabebefudula bekuthenga kumazwe angaphandle kuba ixabiso labo liphantsi kakhulu.

3 Ngoku sifundisa amafama ukukhama uboya bezi zethu iibhokwe. Ucacise nzulu ngakumbi ngoboya bebhokhwe esithi bobona buduru, bubiza imali eninzi kunoboya beegusha ngokuba bunqabile. UVuyokazi Mahlathi yinzalelwane yaseMount Frere. Wenze isidanga sakhe seMasters eLondon school of Economics and Politics. UkwanguMongameli weAfrican Farmers Association apha eMzantsi Afrika (AFASA). Ngonyaka ka-2012 wenze isidanga sobugqirhalwazi kwiYunivesithi yaseStellenbosch egxile kuqoqosho lwamaphandle, ukutsho uqoqosho lweelali. Lo kaMahlathi uthe iIvili Loboya lifike labeka isonka phezu kweetafile eziliqela zabantu baseMpuma Kapa. Inkampani yethu isetyenzelwa ngabantu abaNtsundu kuphela. Oko kubeneziphumo zengeniso engumangaliso kuba basebenza ngemveliso yezinto abazithandayo nabakhulele kuzo uninzi lwabo, iigusha neebhokhwe. Le nkampani sele iqashe abantu abangaphaya kwamashumi amabini, sisebenzisa uboya bamafama asakhulayo angaphaya kwamakhulu amathathu.

4 Uphinde wathi eli phulo lale projekhthi liqinisa izakhono ebantwini beli phondo. Sikwaqeqesha oomama ekwenzeni umsebenzi wokuphotha, ukoluka izinto eziliqela. Ukhuthaze abasebenzi benkampani yakhe ukuba bangenele isikolo esifelefele esigcina umdla wabo wokusebenza ngezilwanyana ukuzama ukugxotha ikati eziko.



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

Esi sikolo sokucheba uboya bezilwanyana kunye nendlela yokuqokelela uboya singena kabini evekini, singena ngolwesibini nangolwesine. Kulapho bafundiswa khona ngezakhono ezininzi. Isakhono sokumamela, isakhono sokubhala kunye nesakhono sokuhlela uboya ngokwamazinga oboya. Lo msebenzi wokufundisa wenziwa nguye umnini nkampani ngaphandle kwendleko zokubhatala. Loo nto ithetha ukuba abasebenzi ininzi into abayixhamlayo kolu shishishino loboya. Ukuqukumbela ngokuthi ishishini liyakhula kwaye **basandul' ukutyikitya** isivumelwano sentsebenziswano nelizwe laseItaly.

5 Njengoko amathuba engqesho aya esihla ngokuhla elizweni jikelele, kubalulekile ukuba umntu azilungiselele ngokuzithathela ingqalelo izinto azifumana kweli shishini. Ngokwenza njalo ungazibona nawe sele ukwazi ukuziqalela elakho ishishini kuba unalo ulwazi olungasoze luthathwe mntu. Ulwazi lwanamhlanje lufuna izatifikeyti ukuze ube nakho ukuphangela, **kodwa** olu sapho lwakwaIvili Loboya lizuze ithamsanqa lokuqeshwa ngaphandle kweempepha. Abantu abanjengoGqr. Mahlathi bafuna ukothulelwa umnqwazi ngemisebenzi yabo ebonakalisa uthando, ixabiso lomntu nokukhathalela abo bangenanto. Utshilo umbhali weli nqaku uSimphiwe Mbutuma-Freddie wathi, uneqhayiya nebhongo ngale mbali yeli gorhakazi ekwayitsho into ethi abantu baseGcuwa baza kuba nonxibelelwano nabantu bamanye amazwe, ukutsho abantu baseItaly. Ukuba unomdla wokufumana ulwazi oluthe vetshe malunga nokusetyenziswa koboya beegusha neebhokhwe, unokutyelela iindawo ezifana ne i-Ivili Loboya, Ulwazi Programme okanye I'solezwe ukuze ufumane amabali kunye nolwazi olongezelelweyo.

[Sicatshulwe kwi-Isolezwe, 7 EyoKwindla 2017; Iphepha le-12 saze sahlelwa]

**Jonga kumhlathi 1.**

1.1.1 Xela ukuba uboya begusha nobebhokhwe bubaluleke ngantoni ngokwesivakalisi sokuqala? (1)

1.1.2 Nika zibe MBINI iimveliso ezenziwa yile nkampani ngokwalo mhlathi. (2)

1.1.3 Chonga igama kwisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi elithetha ukuba uyithethile into yokuncedakala koninzi lwabantu abangaphangeliyo. (1)

**Jonga kumhlathi 2.**

1.1.4 Sibhekisa koobani isakhi esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo?
**Si**thatha uboya ebhokhweni **si**buhlambe **si**bufake ... (2)

1.1.5 Khankanya isizathu sokuba bayeke ukushishina ngeCashmere. (1)

1.1.6 Nika intsingiselo yale nkcaza ithi 'igxothe ikati eziko' ngokwalapha. (2)



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

**Jonga kumhlathi 3.**

1.1.7 Ingaba izivakalisi ezilandelayo ziqulethe umxholo wesicatshulwa okanye zidlulisa ulwazi ngoGqr. Mahlathi? Xhasa impendulo yakho.

**UGqr. Mahlathi yinzalelwane yaseMount Frere. Wenze isidanga sakhe seMasters eLondon.** (2)

1.1.8 Caphula isivakalisi esityhila isantya ephala ngaso le nkampani ukuphucula intlalo yoluntu namafama. (2)

1.1.9 Xhasa ukuchaneka kokubalulwa kokuqeshwa kwabantu abaNtsundu kule nkampani. (2)

**Jonga kumhlathi 4.**

1.1.10 Xela zibe MBINI izakhono ezifunyanwa ngabasebenzi kule projekhthi ngokwalo mhlathi. (2)

1.1.11 Xela igama lomfanekiso ngqondweni oziswa libinzana elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esilandelayo, uze utyhile nokuphuhliswa ngumfanekiso ngqondweni lowo.

Ishishini liyakhula kwaye **basandul' ukutyikitya ...**

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Xela igama lomfanekiso ngqondweni (1)

(b) Tyhila okuphuhliswa ngumfanekiso ngqondweni. (2)

**Jonga kumhlathi 5.**

1.1.12 Kuzisa ntsingiselo ni ukusetyenziswa kwesihlanganisi u'**kodwa'** esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi? (2)

1.1.13 Iphumelele okanye ayiphumelelanga le tekisi ukukhuthaza ukuba ube ngumfama ogxile kuqoqosho lwamaphandle? Xhasa impendulo yakho. (2)



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2



[Ithatyathwe ku *dreamstime.com*]

1.2.1 Khankanya amagama amabini ezilwanyana ezikulomfanekiso. (2)

1.2.2 Khetha impendulo echanenekileyo kwezi zilandelayo:
Le ndawo inezizilwanyana kuse ...

A hlelweni.
B dlelweni.
C midlalweni.
D sitalatweni. (1)

1.2.3 Ngcinga ni ebethelelwa ngumfoti ngalo mfanekiso? (1)

1.2.4 Nika imfundiso yalo mfanekiso. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

ISICATSHULWA C esingezantsi simalunga nokoyisa ubunzima bokufunda.

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale iingongoma eziphambili **ezinokusetyenziswa ngumfundi ukoyisa ubunzima bokufunda**.

### IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-60.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya kwisi-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unakho.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

### ISICATSHULWA C

**UKOYISA UBUNZIMA BOKUFUNDA**.

Ukoyisa ubunzima bokufunda kufuna iindlela ezininzi ezilungele iimfuno zomntu ngamnye. Umfundi ongumfundi oneenjongo zokuphumelela kufuneka ewazile la manqaku angokoyisa ubunzima bokufunda. Nazi izicwangciso zokunceda ukoyisa obu bunzima:

Qaphela iimpawu zobunzima bokufunda ngokukhawuleza, ezifana nobunzima ekufundeni, ekubhaleni, okanye kwizifundo zezibalo. Oku kuya kukunceda ukuba ukwazi ukuchonga imingeni ojongene nayo utsho ubenesakhono sokoyisa ubunzima bokufunda ngokukhawuleza.

Zenzele izicwangciso zokufunda ezilungele amandla kunye nengqondo yakho. Ngolo hlobo uza kuqinisekisa ukuba iindlela zakho zokufunda zihambelana nesitayile sakho sokufunda. Yenza kwaye ugcine imisebenzi enobungqina obubonakalayo, nobumanyelwayo, ugcine nolwazi oluchanekileyo. Oku kuyakwenza ukuba woyise ubunzima bokufunda ngokuxhomekeka kwiinowuthsi.

Qaphela iindlela ezikhuthaza ukufunda okunzulu, ezifana nokuphindaphinda isifundo ukuzama ukukhumbula. Oku kuphindaphinda kulola imemori nezakhono zokusombulula iingxaki. Hlala uzikhuthaza kuba izakhono zinokuphuculwa ngomzamo kunye nokunyamezela. Nikeza ingxelo ngomsebenzi ngamnye owenzileyo ubhiyozele impumelelo yakho. Oko kwakukhulisa umdla nokuzithemba.



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

Zifundise izakhono zokucwangcisa nolawulo lwexesha uyahlule imisebenzi ihlale icwangcisiwe. Oku kucwangcisa kukhuthaza umfundi angashiywa yimiba ephambili amelwe ukuyilandlela. Yiba nencwadi encinci esisixhobo sokufunxa nkonke okuziingongoma eziphambili kwisifundo.

Khuthalela imisebenzi yeqela ekhuthaza inkxaso nofundo ngokwabelana ukuphucula ukuqonda kunye nokugcina ulwazi. Yiba sokolo ukho egumbini lokufundela ungaphoswa ngumxholo wesifundo kuba wakungabikho egumbini lokufundela uphoswa yinto eninzi uphele ubaliselwa nangokungachanekanga.

Ngokuphumeza ezi zicwangciso, abantu abanobunzima bokufunda banokuphucula ukusebenza kwabo kwezemfundo kwaye baphuhlise izakhono ezikhokelela kwimpumelelo yexesha elide.

[Sithatyathwe ku www.learningtechnique.com saze saguqulelwa salungiselelwa uviwo]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

### ISIBHENGEZO-NTENGISO.

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA D

***CLEAR QUICK SNAP***

**Izinga lokufota eliphezulu ngeDrone. Ziggas company @ Beacon Bay E.L./ 043 704 1222**



Hlawula i50%, ufotelwe umcimbi wakho. Siziincutshe sodwa ekufoteni.
IDrone kunye neRC Remote R10 999,00

[Ithatyathwe ku www.ziggas.com yaze yahlelwa]

3.1 Xela igama lenkampani evelisa le nkozo ikwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.2 Chaza iindlela zibe MBINI efunyanwa ngazo le nkonzo ikule ntengiso. (2)

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.
Inkcaza ethi kunye neRC Remote inika intsingiselo ethi ...

A uyithenga nazo.
B uyithenga nayo.
C uyithenga nabo.
D uyithenga naye. (1)

3.4 Caphula isivakalisi esisetyenzisiwe ngenjongo yokwenza abathengi bathathe amanyathelo okufumana le nkonzo. (2)

3.5 Cacisa ukuba islogan 'Clear Quick Snap' sihambelana njani (a) nomfanekiso (b) nokukumagama abhalwe kule ntengiso. (2)

3.6 Ingaba ukubhalwa kwale nkcaza ithi 'Siziincutshe sodwa ekufoteni' kuyithengisa ngokuthimbayo le nkonzo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**




This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E




[Ithathwe ku-*www.phdcomics* yaze yahlelwa]

4.1 Khankanya ulwazi olukwikhathuni oluchaza ukuba kufundiswa isifundo sezibalo. (1)

4.2 Chonga kwisakhelo soku-1, igama elinika intsingiselo yokuba wothukile utitshalakazi sisenzo sikaLunga. (1)

4.3 Xela uphawu olusetyenziselwe ukubonisa ukuba izithethi ziyathetha kule khathuni. (1)

4.4 Xhasa uluvo lokuba uLunga akanantlonipho kutitshalakazi (a) ngokubonakala emfanekisweni (b) nangamazwi akwintetho yakhe. (2)

4.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi, lisebenze ...

Isikolo sasekhaya naso siza kufuna iziphumo <u>njengezinye izikolo</u>.

A ukwahlula isikolo sasekhaya sikaLunga kwezinye izikolo.
B ukukhuza isikolo sasekhaya sikaLunga nezinye izikolo.
C ukufanisa isikolo sasekhaya sikaLunga nezinye izikolo.
D ukudibanisa isikolo sikaLunga nezinye izikolo. (1)



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

4.6 Ubungakanani bemizimba busetyenziswe njani ukuveza umahluko wezikhudla zabalinganiswa abakwikhathuni? (2)

4.7 Ingaba uyavumelana nengxelo kaLunga malunga nenkcaza ayinika utitshalakazi wakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**



**This document was downloaded from www.ecexams.co.za.**

**UMBUZO 5**

**IPROZI**

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F**

**MFUNDI OBEKEKILEYO**

Umfundi ozimiseleyo esiXhoseni uqhuba kakuhle. Ukufunda kuphucula isigama kunye nendlela obhala ngayo. Le meko yandisa ingqondo yakho ze yenze ucinge malunga noko ukufundayo. Ukuze oku kusebenze kumele ukonwabele ukufunda. Nazi iindlela zokonwabela ufunda inoveli. Kufuneka wazi abalinganiswa njengoko uyifunda. Ngokwenza njalo uya kuliqonda bhetele ibali elo ulifundayo. Sebenzisa amandla okuyila engqondweni ze wenze ngathi abalinganiswa ngabantu bokwenyani.

Bhala <u>phantsi</u> amanqakwana abalulekileyo ondla umxholo webali. **Igama ngalinye ongalaziyo sukulishiya ungalihoyi kuba obo ayibobuchule bokufunda**. Elo gama ulishiyayo ungalazi iya kuthi kanti lelona londla umxholo nelikutyhilela banzi ngebali. **Isi**chazimagama sisixhobo ekufuneka unaso ngalo lonke ixesha kuba siyakunceda uqonde iintsingiselo zamagama.

[Sithatyathwe kwincwadi: Andingombala ndingumntu ngu- M. Khonza; Iphepha lesi-3, saze sahlelwa]

5.1.1 Chonga igama kwesi sivakalisi silandelayo elichaza ukuba umfundi ozimiseleyo esiXhoseni uphumela njani, ze uxele nodidi lwesichazi segama elo.

Umfundi ozimiseleyo esiXhoseni uqhuba kakuhle. (2)

5.1.2 Xela isizathu sokuba isibizo esikwesi sivakalisi silandelayo singabinalo iceba laso.

Le meko yandisa ingqondo yakho. (2)

5.1.3 Bhala igama lemboleko elikwesi sivakalisi silandelayo.

... uya kuliqonda bhetele ibali elo ulifundayo. (1)

5.1.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kweli binzana lisi ...

'Bhala <u>phantsi</u> ...'

A senzi.
B salathandawo.
C sibizo.
D sifaniso. (1)



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

5.1.5 Bhala amagama amabini alandelelanayo kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa athetha ukuba igama ongalaziyo likhathalele (2)

5.1.6 Sisetyenziselwe ukubonisa ntoni isakhi esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esilandelayo.

Isichazimagama yibanaso kuba si**za**kunceda uqonde iintsingiselo zamagama. (2)

5.1.7 Bhala kwakhona isivakalisi esilandelayo sibekwingxelo ntetho. Isichazimagama sisixhobo ekufuneka unaso kuba siyakunceda uqonde iintsingiselo zamagama.

Qala ngolu hlobo: Umfundi uthe 'isichazimagama ...' (2)

5.1.8 Nika umsebenzi wesakhi esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi

**Isi**chazimagama sisixhobo ekufuneka unaso. (2)
**[14]**

5.2 **UMFANEKISO**

Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

**MASICOCENI INDLU SONKE**



[Uthathwe ku www.capestylemag.com wahlelwa]

5.2.1 Bhala igama elinye endaweni yamagama abhalwe ngqindilili, wakugqiba ulisebenzise ngokuchanekileyo kwakwesi sivakalisi.

**Utata, umama nabantwana** bazimisele ukusebenzisana ngalo lonke ixesha. (2)



This document was downloaded from www.ecexams.co.za.

5.2.2 Sebenzisa isihlanganisi ukudibanisa izivakalisi ezilandelayo.
Abazali bafundisa abantwana. Abazali bafuna indlu ecocekileyo. (2)

5.2.3 Gqibezela eli qhalo lingezantsi uze uchaze nentsingiselo yalo.

Ingqeqesho ...

Cwangcisa ngolu hlobo:

(a) Iqhalo. Ingqeqesho ... (1)

(b) Intsingiselo ... (1)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**



**This document was downloaded from www.ecexams.co.za.**